# Zatsha! Inkomo Nomazakuzaku!

*Nako! Ukulunga kwentengo Yomhlaba.*

**Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.**

Kusilungele ukutenga umhlaba
Ndizakutabateka ukuhlafuna
U Rulumente ubambene no Palo
Satwetwa ukuhamba njengenkonjane.

Baninzi kunene esebegxotiwe
Ngu Rulumente ocanda iziziba
Bawashiya amax'hobongo abo ke
Ndivana nobubi ndakuva kutshiwo.

Kusilungele ukutenga umhlaba
Izizwe Ezintsundu mazidibane
Untloyiya onendlwane ejojweni
Nguye udonga lokweyama abelungu.

E Natal sekuyindaba yakwantombi
U Rulumente utshay' elupondweni
Lixesha ngoku ukuba nip'ap'ame
U nanko-nanko-ke-nanko e Rustenburg.

Zipi? Inkosi zezizwe Ezintsundu
Umtunzi wabantu bonke bengakanje
Nanko! Umvalo wenkomo zika Palo
Nilima-nisuswa! Tengani Umhlaba!

Baf' abantu besiwa ngemigubasi
Kusilungele ukutenga Umhlaba
Siwabandeze amanxiwa ka Tshiwo
Siqaule nentambo sisaqalisa.

Zatsha! Inkomo Nomazakuzaku
Ngumsito ese apa e Rustenburg
Kutengiswa isihunuha somhlaba
Inene kuyakwapuka neb'hokuva.

Zipi? Inkosi zezizwe Ezintsundu
Tyo! Nabo abantu belima besuswa
Nganike nisiqube nisipumeze
Nobuye nisinqande nisigoduse.

Ngumsito ese apa e Rustenburg
Arha-nangoke umtunzi wamadoda
Isisila senkuku mhla liq'witayo
Kulapo woze usibone ngamehlo.

Ayasibulala noko Amakosi
Kuko izigingqi q'o apo akona
Wabambeni niwax'helel' izinja
Alibele kukusela ibhotile.

Nantsi apa Inkosana into ka Zibi
Intlaba-mkosi ehlabele Izizwe
Uti nalo ke ivumba e Rustenburg
Libinze ngomkonto kwatsha nemilambo

Zatsha! Ke Inkomo Nomazakuzaku
Kusilungele ukutenga Umhlaba
nkobe uyakuzipeka emtini
U Rulumente etshilo nje utshilo.

Panda pantsi uxel' amahlungulu
Into ka Zibi iyivulil' indlela

Niyafuna na ndimbize ngegama
Andikumbiza ngegama emdizeni.

Intsholo emnandi nantso e Rustenburg
Ndihlelinje andilalanga pezolo
Incwadi ifike maxa ndilalayo
Yatoba imbhokotwe—maye ndazula.

U nanko nanko ke nanko e Rustenburg
Ozingelayo nabayame ngentaba
Kwakwapuka itentyi kusal' inqwelo
Yitsho usiya! Naxa ungayikona.

Lento Izinkosi iyasibulala
Zik'afuleni nizibize ngegama
Kangelani ke kade ndinixelela
Ni ima nisuswa tengani Umhlaba!

Izizwe Ezintsundu mazimanyane
Umanyano lodwa lungamandla enu
Lulweleni nide nikangelane
Luyeke ukupepa nokudlokova.

Pumani! Afrika anibonanganto
Iiitye e Rustenburg linomlomo
Kuba litete kwawa namatontsi
Yagquma ke lo namba icombuluka.

Nabo ubusi madoda e Rustenburg
Kwazidudi zide umlambo omhle
Vumani bafazi naso isiziba
Sokunqandela ababuye kwendeni.

Kumbulani ukuti siyinzalo apa
Eyashiywa ke ngobawo entilini
Yaza yaba sisisulu sengcuka
Awu! Yatsho Ingcalangcalakazi.

Camaguni!